



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2019

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendalela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

UMBUZO 1

- 1.1 Eso siganeko sabuchaphazela kanobom ubom bam. [50]
- 1.2 Ukufuthelana kwezizwe neentlanga zase-Afrika. [50]
- 1.3 Ifuthe leziyobisi kuluntu. [50]
- 1.4 Isala kutyelwa sibona ngolophu. [50]
- 1.5 Akukho mvuzo kulwaphulomthetho. [50]
- 1.6 Lingcebiso zokukhawulelana nokunqongophala kwemisebenzi. [50]
- 1.7 Qwalaselə lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1

[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: **50**

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhalela kwiSebe lezeMfundu ucele ungenelelo kwiphulo olenzayo lokuvula ithala leencwadi ekuhlaleni.

[25]**2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umcebise ngendlela anokuzikhupha ngayo kumkhwa wokusebenzisa iselfowni ngokugqithisileyo.

[25]**2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yeqhawe lengingqi yakho.

[25]**2.4 INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini ngomfundi odlalela iqela loMzantsi Afrika.

[25]**2.5 UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe phakathi komanejala nomntu owenze isicelo somsebenzi wesingxungxo sokugcina abantwana.

[25]**2.6 INTETHO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lomhlobo wakho obhiyozela umhla wokuzalwa kwakhe.

[25]**AMANQAKU ECANDELO C:****AMANQAKU EWONKE:****50****100**